# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
## *SENIORSERTIFIKAAT-EKSAMEN*

**OCTOBER / NOVEMBER**
***OKTOBER / NOVEMBER***

**2004**

## ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE UHLELO OLUPHEZULU

**(Iphepha Lokuqala)**

HG **121-1/1**

**9 pages**

isiXHOSA FIRST LANG HG: Paper 1

121 1 1 HG

COPYRIGHT RESERVED / *KOPIEREG VOORBEHOU*
APPROVED BY UMALUSI / *GOEDGEKEUR DEUR UMALUSI*

**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 100**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no-C.
- Phendula yonke imibuzo.
- Funda imibuzo ngenyameko.
- Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

---

## ICANDELO A
### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze wandule uphendule imibuzo:

Ngaminazana ithile yehlobo uYese wayesabethwa ngumoya kuba yayilixesha leholide. Wathana nqwakaqha nombono owamkhathaza kunene. Mfama ithile ekhokhobayo yayirholwa yinkwenkwana eselula kakhulu. Yayisuka nayo kuloo lali ibomvu isiya nayo eMxo kuleyo inesikolo kuba abantu baseMbede babezahlula njalo ezo lali zimeleneyo. Kwakumi isiqhu samakhwenkwana amdaka etshaya kuloo ndlela ibheka eMxo kunjalonje eyivalile indlela. Kwaba nzima kule ntwana ukudlula kuwo nemfama. Yacezela bucala ingakhange ivule nomlomo.

"Kutheni na, Mboneli, ngathi uhamba ethafeni nje, undisa phi? " kubuza imfama kalusizi.

"Bemi endleleni, tat' omkhulu," iphendule ngelinxunguphelеyo inkwenkwana.

"Owu, Mboneli, ndiyahlatywa yinkunzane. Khawenze kuhle ndikhe ndiyibangule," itshilo imfama itshitshiliza. ,"

"Nyamezela, tat' omkhulu, nam ndiyachabasa, siya kubangula, phambili," itshilo impendulo kaMboneli.

Asuke amakhwenkwe abetha uMboneli. Wakha wazama ukuxhathalaza kodwa amkhulela amakhwenkwe elali. Wancama wasimbela isinqe kunjalonje watsho kwabanda eyishiya imfama ikhala isithi, "Mboneli, Mboneli, utyiwa yintoni na?" Yayithwafula ihamba igileka ehleka kumnandi amakhwenkwe. Esona simanga sasikukuba abantu babebukele kungekho mntu ukhalimayo.

UYese wayemi ejongile ukuba le nto iza kuphelela phi na. Akazange abe nakunyamezela, wavakala ekhalima esithi, "Nenzani, makwedini?"

"Senza yona intola, akusiboni? Ungena phi wena kuloo nto? Uza kuyeka ukukhawulela iinkawu zisiya kusela, gqadambekweni," zitshilo ezi ntyewu zisonda ngoYese. Walwa kanobom ekuthe akuphawula ukuba ezi zijama-nkungwini aziva nto wagqiba ekubeni abhenele kwigqwetha lezilumko – abasicatyana. Bazama ukumsukela kodwa kwacaca ukuba bahlangene nembaleki yenene.

Bafumana basongela bethukisela kuyiloo nto kucacile kona ukuba icebo labo aliphumelelanga kuba inkwenkwe kaNyubatyha yayizifikisele kwezinye iintyewana kubo.

Kwathi kwakucaca ukuba ubom bukaYese busemngciphekweni zezo zikrelemnqana kwanyanzeleka ukuba utitshala uKungelo ayazise kwasibonda le ngxaki. Athe wona esothuka amakhwenkwe abe selehlanganiswa ngamapolisa esisiwa kwamantyi eMburkati kuba ngaphandle kweli tyala lokuhlasela uYese ayekho namanye amatyala anjalo awenzileyo apha elalini. Atyholana, empola nebezingaziwa bani.

Phakathi kwabantu ababengashwabuleli ukuba kuphilwe ngexesha lokubanjwa kwamakhwenkwe singabalula uMamBhele owayekhala ngelithi, "Yini le! Angathini lo mntwana ukubambisa umntwana wam engenzanga nto? Ndiza kumbonisa amaqhekez' engqele. Uza kulicula elandincamisayo naye."

Waya kwatitshala enyathelela phezulu selengathi akasaboni nangamehlo wafika wathi, "Uphi lo Yeye uhlala apha kwakho? Mkhuphe ndimbone, uza kundazi namhlanje."

"Akakho, mama, ibiyintoni kodwa ngathi ukhathazekile nje?" ubuze ngelecawe utitshala ezenza ongaziyo phofu.

"Ndanditshilo ndathi ezi mbebevu nezi ntlubuntlubana niza nazo apha ziza konakalisa le lali. Uz' umxelelele ukuba mna Nodoligaqa ndithi ubambise owokugqibela umntwana," itsho isiya kuphuma ngomnyango ibibitheka ngumsindo le ntokazi.

Ngamafuphi lathethwa ityala, yahluzwa yacaca eyona nyaniso. Oorheme babengakhanyeli nokukhanyela ngaphandle nje kokutyholana. Isiphumo saba yimivumbo eliqela inkwenkwe nganye.

Kwathi uYese esekuloo mathandabuzo kwafika incwadi echaza ukuba uFather Gould utshintshelwa kwelaseSwazini ke ngoko akasayi kubuya abe nakho ukumfundisa uYese. Yayichaza nokuba uSelina unyamalele, akaziwa necala aye kulo ukususela ekuthwaseni kwenyanga kaCanzibe.

"Owu! Yini le ndiyenziwa nguSelina? Ebengasanyamezeli nokuba zezi nyangana zimbalwa ziseleyo?" watsho kabuhlungu uYese kucacile ukuba utshelwe zizicheku xa kunje.

Naxa lalitshone emini ilanga kuye, wagqiba ekubeni abhalele uFather Gould incwadi ebulelayo. Naxa wayezama ukuziqinisa, kwanyanzeleka ukuba abhacele kwaninakazi eTyiphityibeka kunyaka olandelayo. Kulapho wafumana khona umhlobo omtsha ogama linguThamsanqa Faku waseMgqukhwebe eCacadu.

Intlalo kwaninakazi yayimnandi yona ngokwayo kodwa ingxaki yayiyindlala eyayizenzela kubo. Yamdla indlala uYese wabhitya wamgumsingizane ngethutyana elifutshane. Kowabo kwakungathunyelwa nemdaka isenti. Babesithi xa abanye baya kufumana iintwana-ntwana zentlazane naye akhaphe abaya ekhaleni kodwa abuye engakhange ayibone nangeliso into esiwa phantsi kwempumlo.

Iintetho zomyeni kaninakazi zaziye zimxhele emphemfumlweni abe phofu enganakwenza ngakumbi.

"Ukuthi unceda isizalwana kukuzibetha ngenyheke etyeni maxa wambi," uvakele esitsho ngenye imini umyeni kaninakazi ebhekisa kumhlobo wakhe umGiqwa.

"Utsho ngani, Ngconde?" usabele uJikijwa lowo ezithanda kakade iindaba.

"Nditsho kuba namhlanje iintsana zam ziyalamba, zityelwa zezi mbedlenge zingaziwayo ukuba ziyatya kowazo. Inene, ndandingazi ukuba umnakwe usisifede esinje. Ndinosizi nje ngulo mntwana, ngesekukudala ndamnika uphum' aphele kule ndlu," wayedla ngokutsho umKwayi ezityele izinto zakhe.

Asikukho nokuba ezi ntetho zazimkhathaza uYese kodwa wagqiba ekubeni azinyamezele kuba inkom' ichith' umzi. Ayekho amathuba apho wayesuka acinge nangokuzincamela kudlomdlayo kodwa abuye azithibaze ngelithi bubugwala obo, akukho butywala bakha bacima zintsizi.

Zaqengqeleka iinyanga engafundi nto ibonakalayo. Xa umbona ezihambela nje wawungagqiba uthi wonwabile kanti ukuba uye waqwalasela amanzithi-nzithi ahlangene nawo wawunokumangaliswa ukuba unyamezele ntoni esikolweni iliwa libhek' umoya nje.

"Kobe kuphole," wayesakuzixolisa ngelitshoyo phofu naye engazi ukuba koza kuphole nini na.

Wazibhala iimviwo zebanga lesithandathu, wayibopha yancinane eyakhe njengoko umyeni kaninakazi lowo wayethe kufuneka alivevule emzini wakhe ukuphela konyaka. Yaba buhlungu intliziyo yakhe xa anyengezelwa imali yokugoduka nguninakazi ukuba wayesoyika ukubonwa ngumyeni wakhe.

“Uze ubuye wena mntwan' am, ungevi laa nto ibithethwa nguNgconde," wamomeleza watsho uninakazi ebona ukuwa umxhelo kwakhe.

"Ndiyabulela makazi," uphendule watsho eyengezelisa iinyembezi, weva endleleni.

Wahamba elalisa kwimizi engasendleleni kuba wayelindele ukuba uyise angathumela inqwelo yokumphuthuma nanini na. Okunene kusuku lwesibini wahlangana nabo abafo ababethunyelwe nguyise ukuba bamkhawulele. Kwathi qabu uNoqolomba efile nje kuba wawusemde umgama aza kuwuhamba.

Yagoqoza inqwelo ukucanda loo mathafa, abo bafana besidla imbadu bephatha kuxelela uYese ngezaseMnandizonka. Akuzange kube kudala ekhwele enqweleni uYese waziva esozela. Yayimthuthuzela inqwelo, kuba wayedinwe eyimfe. Bathi bencokola nje wabe ethurha ubuthongo. Wayephupha ngezinto ngezinto, wothuswa kukufika kwabo eMnandizonka.

Kwaba buhlungu kuYese ukuva ukuba uDingezweni waXabana noyise, waqokelela konke okwakhe, waya kutshona kwantliziyondise. NoSelina wayenguloo nyhashawe kungekho nomkhondo ngaye.

Bamana bencokola ngezinto ngezinto kuba uNyubatyha wayemthanda uYese. Wahlala kwelo khaya lilila ibhungane uYese, esebenza, encedisa uyise kuwo wonke umsebenzi – ukusinda nokutyabeka indlu, ukuhlakula emasimini nokulolonga imfuyo ababengasalazi nenani layo. Andithi nokupheka nokucoca indlu kusajongene naye?

Zafika iziphumo, wancuma olugoso unyana kaNyubatyha akuphawula ukuba usaphala phambili ezifundweni zakhe naxa iinzima zazifuna ukumdobelela nje.

(UYese namahlandinyuka obomi: P.T. Mtuze)

1.1.1 Yintoni eyakhathaza umphefumlo kaYese xa wayesabethwa ngumoya? (1)

1.1.2 Ekukhathazekeni kukaYese wenzani? (1)

1.1.3 Yaba yintoni iziphumo zesenzo sakhe? (1)

1.1.4 Yaba njani intlalo kaYese apha elalini ngenxa yezi nkewana? (1)

1.1.5 Walanyulelwa yintoni kule meko? (2)

1.1.6 Kha uchonge izifungo zomnye umzali wezi nkewana njengoko zinjalo. (2)

1.1.7 Bagwetywa njani aba tshuvana kweli tyala? (1)

1.1.8 Ziziphi iindaba ezamxhela umphefumlo kwakhona uYese? (2)

1.1.9 Akuba ehlala noninakazi, yintoni eyayibhokile kwelo khaya litsha? (1)

1.1.10 Ngubani lo kwakucaca ukuba udikwe kakhulu nguYese apha kwaninakazi. Xhasa impendulo yakho ngokwalapha esicatshulweni. (2)

**[14]**

1.1.11 Nika intsingiselo yala mabinzana:-

(a) ukukhawulela iinkawu zisiya kusela. (1)

(b) gqadambekweni. (1)

(c) izijamankungwini. (1)

(d) ukuthwasa kwenyanga. (1)

(e) imbedlenge. (1)

(f) iliwa libhek'umoya. (1)

(g) kwantliziyondise. (1)

(h) lilila ibhungane. (1)

(i) usaphala phambili. (1)

(j) besidla imbadu. (1)
**[10]**

1.1.12 Yakha izifanokuthi zala magama alandelayo:

(a) izikrelemnqa. (1)
(b) inyaniso. (1)
(c) umhlobo. (1)

1.1.13 Kukuthini uku:

(a) ukubibitheka? (1)
(b) ukuba bovu kwelali? (1)
(c) ukubethwa ngumoya? (1)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

## ICANDELO B
### UMBUZO 2

ISISHWANKATHELO

2.1 Shwankathela esi sicatshulwa silandelayo ngamagama angama – 30.

Kwalile, xa umhlaba lo sele ungathi ukhandwe walizulwana, yafika intlekele enkulu yodaba. Kanti Atshibhishophundini Zembelenkosi, asibhishophu ngenene, ligeza elaqhawula emagezeni, apho lalivalelwe khona emveni kokubulala isihlwele sabantu. Zonke ezo mali, loo mawakawaka eeponti, yaba kukutshona kwazo, kweso sisu selo geza.

Umsindo, udano nobubi – ezo nto zatsho sadenga isizwe siphela – nalapho esizweni oyena wenzakala kakhulu nguSizakele kaHamlomo, kuba kuzo zonke iityalike awayephuma engena kuzo, wayecinga ukuba noko yona le yesizwe ayikho eya kuze ibe njengayo. Isizwe saba njengamntu mnye lugezo lomsindo. Nazo ezo nginginya ziyimikrozo, kusiyiwa kungqingwa indlu yeBhishophu, uSizakele, bonke bezwi linye, bemoya mnye – wokuba ihlinzwe ihleli into enjengaye, eyokuphuthumela isizwe siphela isihelegu esinje.

Laphuma xa kunjalo ke kanye endlwini yalo igorha elikhulu, lawangawangisa ngesandla kwezo ndimbane, suke ngephanyazo loo milimokhwe yengxolo yayinzolo yasecaweni. Wavakalisa ngezwi elikhulu ukuba izihlwele ezo mazijike zigoduke, wazimisela usuku lokuba ziphinde zize zonke apho eBhotweni leBhishophu, waye eya kuzifumanisa ulwanelo lowo mhla ngayo yonke into ethe yehla.

Kuyabonwa, kuyabonwa iBhishophu uSizakele akasayi ecaweni; akasayinxibi loo mithika, unxiba iisuti; mhle ufanelekile. Abantu bathe nqa ukuba kutheni na uSizakele engasathethi nto nje ngesenzo esibi seAtshibhishophu.

Imini yeemini ifikile, abantu baxele izintlwa eBhotweni leBhishophu. Kuwe izalakazi lenkabi yenkomo; abantu batya, bazifikisela, kuzelwe kaloku ukuva impendulo yeBhishophu yabo. Nanko uBhishophu ngokwakhe, ephuma engena phakathi kwaloo nkitha, efanelekile kunene njengoko ewunduza, endolosa ngaloo mthika wakhe mnyama wobuBhishophu, enqatshele ezimnyama; emilenzeni, umnqwazi omnyama usisithebe entlokweni yakhe esifubeni kumenyezela loo krusi inkulu ibengezelayo yobuBhishophu.

Kwalile, kunini, uBhishophu wabonwa eya kungena endlwini; yakhe. Yangumzuzu omde engaphumi, bada abantu bathingaza. Ngelini livakele ilizwi, bebizelwa apho akhona uBhishopu. Zothuka izihlwele zamamaniseka. Uthi zabona ntoni! Nanko uBhishophu etsho ngombhalo wakhe obomvu wasebuqabeni, ebomvu wonke yimbola, etyethe ingxowa yakhe endala yebhokhwe, phambi kwakhe kubengezela ibhekile, iphuphuma ngowona ukhephuzayo umqombothi. Lavakala ilizwi lomfo omkhulu phakathi kwaloo nzolo: "Bantu bakowethu, elam linye kuni. Zonke iimvaba ndizilingile, kodwa emva kwaloo nto yonke, mna nomzi wam uphela, sibuyela apho sasivela khona, ebubomvini."

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C
### UMBUZO 3

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo:

Mdala ngoku lo mntwana, ufunda ibanga leshumi. Akungeze utsho ukuba nguye lowa washiywa ngunina noyise kulaa ndyikityha yengozi yeebhasi ezine.

Ukuba ndikhumbula kakuhle wayesema ngenja ngelo xesha. Wathatyathwa ngudade bonina wamkhulisa, njengokuba sele eyile iphume izandla intombi.

Umzi wakowabo wona wasala ulila ibhungane. Abakhuluwa bakayise azange bafune nakuwuthengisa naxa bengazanga bawukhathalele. Babenethemba lokuba uya kuthi akugqiba ukufunda uNozizwe aze kuwuvula. Uyimbalasane ezifundweni zakhe, phofu ubeya kuba ufuze bani ingengonina?

Siyathemba ukuba yona imfundo enomsila uya kuyiphumelela emagqabini. Ungafika ezolile engabonisi lusizi nantlupheko nakubeni uninakazi embambe ngamazinyo.

Ndiyamthanda umntwana ofana nalo. Awunakuzisola ukuba ubumncedela ntoni. Ukhuthele ngendalo yaye uyathandeka. Wofumana equkeza ngalo lonke ixesha esenza imisetyenzana yekhaya eyahlukeneyo.

3.1.1 Kumqolo wokuqala womhlathi wokuqala kukho isichazi esinomgca ngaphantsi. Yenza isichasi saso ze usisebenzise kwisivakalisi sakho ukubonisa ukuba uyayazi into esiyithethayo. (2)

3.2 Ezi zihlanganisi zisetyenziswe kwesi sicatshulwa; naxa, lokuba, ukuba, nakubeni. Zisebenzise kwezakho izivakalisi ubonise olwakho ulwazi ngazo. (4)

3.3 Nguqulelo ni yezandi eyenzeke kula magama?

3.3.1 wathatyathwa. (2)
3.3.2 ngendalo. Afumaneka kwalapha kwesi sicatshulwa la magama. (2)
3.3.3 Yakha awakho amagama ubonise ezi nguqulelo-zandi zilandelayo:
- Ushiyo lwezikhamiso. (2)
- UQabaniso. (2)

3.4 Isenzi u-'Uyathandeka' sikwisixando sokwenzeka, sisebenzise nezimamva zezi zixando:


3.4.1 esokwenzisa.
3.4.2 esokwenzana, kwezakho izivakalisi ezibini ubonise ukuba uyazazi. (2)

3.5 Njengokuba kusetyenziswe izaci ezithi:

3.5.1 "Wayesema ngenja"
3.5.2 "Kulila ibhungane". Zithetha ukuthini? (2)

3.5.3 Yenza ezakho izaci/amaqhalo ngezi zilwanyana uzibona kule mifanekiso.


(a)



(b)




(c)




(f)

(d)



(e)



(6)

3.6 3.6.1 Sebenzisa isilabalabi esisifumana kumhlathi wokugqibela nesinye isifezekisi esingesiso eso sisetyenziswe naso kwisicatshulwa, kwesakho isivakalisi ubonise ukuba uyasazi isifezekisi krwela umgca phantsi kwesifezekisi.. (1)

3.6.2 Chonga izibanjalo ezithathu kwesi sicatshulwa, zixele neendidi zazo. Zisebenzise ke ngoku kwezakho izivakalisi.

Cwangcisa ngolu hlobo:-

| Isibanjalo | udidi | Isivakalisi | |
|---|---|---|---|
| a) | (½) | (½) | (1) |
| b) | (½) | (½) | (1) |
| c) | (½) | (½) | (1) |

(6)

3.7 Ingcambu yesenzi yiyo equlethe intsingiselo yegama. Thabatha ingcambu yesenzi "sebenza" uyifakele izimaphambili zala mahlelo; 1, 3, 9 ukubonisa ukuba intsingiselo inakho ukuguqulwa sisimaphambili.

3.7.1 Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:-

| Ihlelo | isimaphambili | isibizo |
|---|---|---|
| a) 1 | (1) | (1) |
| b) 3 | (1) | (1) |
| c) 9 | (1) | (1) |

(6)

3.7.2 Sebenzisa ke ngoku ezi zibizo uzakhileyo phaya ku- 3.7.1, kwezakho izivakalisi ubonise iintsingiselo ezo ziguqulwe zizimaphambili. (3)

**[40]**

**UMBUZO 4**

4.1 Lungisa iziphene kwezi zivakalisi zilandelayo.

4.1.1 Wafika umkhonyana ebambiwe ngehlanza nguyisekazi.

4.1.2 Unomoyi umunya igazi emzinjeni womntu.

4.1.3 Zendisiya kwamalume nxa ndidibana naye.

4.1.4 UZoleka umunyisa usana lwakhe

4.1.5 Usho ngoba isifiso sakho eso.

(10)

4.2 Fakela oonobumba neempawu ezifanelekileyo:

use emlonyeni yhoo likhala akatsha ngako watyabuka umlomo nohajisi wakhala watsho utipha ekudandathekeni okukhulu komphefumlo asingomgubo le nto yikalika ngelo xesha kanye atshoyo angena amapolisa amlandayo amthatha aya kumvalela entolongweni

½ x 20 = (10)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [60]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**